basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2022

**AMANQAKU: 40**

**IXESHA: Iiyure 1½**

**Olu viwo lunamaphepha ali-8.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo line:

   CANDELO A: Uncwadi (40 amanqaku).

2. Phendula imibuzo kwincwadi ENYE oyifundisiweyo (40 amanqaku).

3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kombuzo ngamnye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   Yimibuzo emibini enamanqaku angama-40: Imizuzu engama-90 umbuzo ngamnye.

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A

### IMIYALELO NENGCACISO:

- Khetha incwadi ibeNYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha idrama *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO,* uza kuphendula UMBUZO 1 kuphela.
- Ukuba ukhetha inoveli, *NANDIWEZA,* uza kuphendula UMBUZO 2 kuphela.

### QAPHELA:

Phendula imibuzo esekwe kwiDrama/kwiNoveli oyifundisiweyo kuphela.
Kwincwadi oyifundisiweyo phendula yoMIBINI imibuzo esekwe kuyo.

### IDRAMA: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| NOMHI: | Ndiyayibulela nam imvisiswano yakho Duke, kodwa ke ngelishwa akusekho thuba ndilidingayo. Kaloku sele ndiyiqokelele yonke ingqondo yam yaza yona yandinika ocacileyo umkhomba-ndlela. Lilonke ke bhuti wam, sele kukudala ndisithathile esi sigqibo. |
| DUKE: | Usithathe nabani ke eso sigqibo uthi wena siyakukholisa? |
| NOMHI: | *(Ngoncumo.)* Nomntu endamthanda iminyaka. Endimthandayo nangoku ndithetha nawe nje, <u>ndibe ndohlala ndimthanda unaphakade</u>. |
| DUKE: | Nakube ndibuhlungu nje Mhimhi ngale nto uyithethayo apha kum, soze ndikuvalele ngaphandle. Ndiyaqonda ukuba kusafuneka uziqwalaselisise zonke iimfuno zobomi, emva koko uza kwenza **isigqibo esiqavileyo**. |
| NOMHI: | Musa ukundisizela mntakwethu. Esi sigqibo ndithetha ngaso sisithembiso esathembisana ngaso mna nalo ndimthandayo. |
| DUKE: | *(Ethe minxi ngumsindo.)* Uyazi ukuba useza kundicinga ngenye imini ... |

1.1.1 Lelantoni eli thuba athetha ngalo uNomhi? (1)

1.1.2 Lisixelela ntoni ngoNomhi igama 'ngoncumo' elikwiibrakethi kwintetho yakhe? (2)

1.1.3 Ngubani lo mntu athetha ngaye uNomhi? (1)

1.1.4 Ingaba unyanisile uNomhi xa esithi wamthanda iminyaka uNzima? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.5 Xela ukuba uphi uNzima lo kuthethwa ngaye apha kwisicatshulwa. (1)

1.1.6 Ingaba iyinyani le ntetho kaNomhi ikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Xa uDuke esithi, 'isigqibo esiqavileyo' uthetha ukuthi:

A Isigqibo esipheleleyo
B Isigqibo esingaphelelanga
C Isigqibo esifanelekileyo
D Isigqibo esingafanelekanga (1)

1.1.8 Sesiphi esi sithembiso sikaNomhi noNzima? (2)

1.1.9 Kutheni uDuke enomsindo apha kwesi sicatshulwa? (2)

1.1.10 Xela izinto zibeMBINI awaxelelwa zona uNomhi ngabazali bakhe xa wayeza kuya kufunda kwanokholeji. (2)

1.1.11 Nika amagama abe maBINI abantu abaye bancedisa uDuke ukuba ade athandane noNomhi. (2)

1.1.12 Ingaba uDuke wayemthanda nyhani uNomhi? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B**

| | |
|---|---|
| NZIMA: | Yeka kuthethe mna kuqala Nomhi. Ukuvalelwa kwam kuyenze imeko yam ibe nzima kakhulu. Banditshutshisa abantu ekuhlaleni, ndasisigculelo ndithiyw' amagama ndikwabekw' amabala. Ndithi umama ebesehlekwa naziintaka kuphele namatyholo okusithela. Kodwa ngenxa yemithandazo nethemba umoni wazinikezela. Ndim lo ndingulaa Nzima bendinguye. *(Kuthi cwaka.)* Kunganjani siqale apho siyeke khona Mhimhi? |
| NOMHI: | Enye into Nzima izinto azisafani nakuqala ngoku ... |
| NZIMA: | Uthetha njani Mhimhi? <u>Ingaba kukho umntu phakathi kwethu</u>? |
| NOMHI: | Hayi akunjalo. Andithethi njalo. |
| NZIMA: | Nto nje? |
| NOMHI: | Bendisithi ndicela ukuba sirhoxise le nyewe de ndigqibe ngesikolo. Ndishiyekelwe nje ziinyanga ezintathu ndibhale iimviwo zokugqibela. |
| NZIMA: | Uyavakala Mhimhi. Besendothukile. Uyazi nawe Mhimhi andinakuphila ngaphandle kwakho. Uthi ndakuba ngokabani xa sendilahlwa nanguwe? |

1.2.1 Kwakutheni ukuze uNzima avalelwe etrongweni? (2)

1.2.2 Xela abe MABINI amagama awayebizwa ngawo uNzima nguMatesh. (2)

1.2.3 Kutheni uNzima esithi mabaqale apho bayeke khona noNomhi? (2)

1.2.4 Yintoni le uNzima angayaziyo ngoNomhi imenza ukuba abuze lo mbuzo ukrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

1.2.5 Ingaba uNomhi uvela engumntu onenyani kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.6 Wayixelela ntoni ijaji uSongezile ngemini yamatyala? (2)

1.2.7 Kwakutheni ukuze uNomhi akhulelwe umntwana kaNzima kodwa utshate noDuke? (2)

1.2.8 Yintoni eyenziwe nguNomhi ebonisa ukuba wayemthembile umhlobo wakhe uBizzah? (2)

1.2.9 Wayazi njani uNzima ukuba uNomhi utshate noDuke? (2)

1.2.10 Nika izizathu eziBINI ezinokwenza ukuba umsizele uNzima kule drama. (2)
**[40]**

**OKANYE**

**INOVELI: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo**

**UMBUZO 2**

2.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

'Hayi ndiyeva ukuba akukuhle kubenzi benkohlakalo. Enye into kuvuke nabaxhasa uNcoko. Kudibene loo mikhosi mibini. Umntu oza kubanjwa kungekudala nguSibusiso. **Ndihletyelwe** ngomnye umcuphi ukuba basaqulunqa ubungqina ababufumeneyo. <u>Apho baqqibe khona uza kulunguza ngaphaya kweentsimbi</u>.' Utshilo uDoyle kwingxelo yakhe. Umsebenzi wamapolisa wawumbaxa kuba babephanda ityala lomonakalo kumzi kaNcoko nokugetyengwa kwakhe kanti babejonge neli likaLuwanika.

USibusiso uhle enyuka efuna uLinda, lada latshona elaloo mini. Ngemini elandelayo badibene edolophini, uLinda ehamba ngemoto yakhe.

'Kudala ndikufuna Linda, mfo kabawo. Ucinge kakuhle ngokuthi uye kuphuthuma imoto yakho.' Watsho uSibusiso. Kodwa ezazi ukuba akamncomi ngaphezu kokuba elalisa ukhoko. 'Ngoku uza kuhamba lula ukuya eMahlabathini.'

2.1.1 Yeyiphi le mikhosi mibini kuthethwa ngayo? (1)

2.1.2 Lisixelela ntoni ngoDoyle igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

2.1.3 Ngubani lo mntu kuthiwa uza kulunguza ngaphaya kweentsimbi? (1)

2.1.4 Ingaba unyanisile uDoyle xa athi uNcoko wagetyengwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.5 Xela ukuba uphi uLuwanika ngeli xesha kuqhubeka oku kukwisicatshulwa. (1)

2.1.6 Ingaba ibe yinyani le ntetho ikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Xa kusithiwa uSibusiso, 'ulalisa ukhoko' kuthethwa ukuba:

A Uyamthuka uLinda
B Uyamcaphukela uLinda
C Uyamcenga uLinda
D Uyamgezela uLinda (1)

2.1.8 Yeyiphi into eyenza ukuba agxekwe uLuwanika emsebenzini? (2)

2.1.9 Wathini uDoyle malunga nale ngxaki uyixele KUMBUZO 2.1.8 wayekuyo uLuwanika? (2)

2.1.10 Xela ukuba uDoyle wayemazi njengomntu onjani uLuwanika. (2)

2.1.11 Nika amagama abantu abaBINI ababesebenza phantsi kukaLuwanika kwindawo awayephangela kuyo. (2)

2.1.12 Ingaba uSibusiso wayebathanda ngenene abantu bakubo abangamaZulu njengoko wayesitsho? Xhasa impendulo yakho ngolwazi olusencwadini. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**

Okunene bawe emsebenzini, uLuwanika emana ukuzibiza iincwadi ngokuzazi. Ebesithi akuyifumana incwadi abuze kangangoko injongo ingekuko ukunyoka koko ikukuzama ukwazi inkqubo. Into ayiqapheleyo uLuwanika yeyokuba uDliso uze neencwadi ezininzi ezingabalulekanga waye ebengazi khankanyanga waza wayeka ezininzi ezibalulekileyo. Uthe akubuza isizathu sokushiywa kweencwadi ezibalulekileyo, suka wabopha amabande uDliso waphetha ngelithi akaqondanga ukuba ziyafuneka. Uthembise ukuba wobuya eze nazo kwixa elizayo. Kwakhona nale ingxelo ayimhluthisanga mpela uLuwanika kodwa wanyanzeleka ukuba avume loo nto ayixelelwayo.

Umsebenzi awubanga mnandi kuLuwanika kuba akawufumananga umkhondo awufunayo. Uzamile amaxa amaninzi ukubiza ezaa ncwadi angazibonanga kodwa suke uDliso wampunyumpunyu. Into emkhathaze kakhulu kukuphawula izinto eziliqela ezingahambi ngandlela.

2.2.1 Kwakutheni ukuze uLuwanika amane ebiza iincwadi kuDliso? (2)

2.2.2 Xela izizathu zibeZIBINI ezazisenza ukuba uDliso angazizisi ezona ncwadi zazifunwa nguLuwanika. (2)

2.2.3 Ngowuphi lo mkhondo wawufunwa nguLuwanika ngokujonga ezi ncwadi kuthethwa ngazo? (2)

2.2.4 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa ingxelo ayimhluthisanga uLuwanika? (2)

2.2.5 Yintoni le angayaziyo uLuwanika ngoSibusiso? (2)

2.2.6 Ingaba uDliso uvela engumntu onenyani ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.7 Kwakutheni ukuze uDubulekhephuza azuze udumo njengegqwetha eliphume izandla? (2)

2.2.8 Yintoni eyenziwa nguLinda ebonisa ukuba wayengumhlobo kaSibusiso? (2)

2.2.9 USakayire noKasayi baphela bevela njani ukuba bangamasela eenkomo? (2)

2.2.10 Nika izizathu eziBINI ezinokwenza ukuba umsizele uLuwanika kule noveli. (2)
**[40]**

**AMANQAKU EWONKE: 40**